



A - INgcaciso eyoNgezelelweyo esuka kwiNtloko yeSebe lezeMpilo

ICandelo eLikhulu LoPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko	A - ISikhokelo seSebe iWCED Ingcaciso ebalulekileyo esuka kwiSebe lezeMpilo lePhondo	
A - ISikhokelo seSebe iWCED	Sikhutshwe: nge-15 Meyi 2020	Masijongisiswe njengesiyimfuneko naxa kuyimfuneko

Ivunywe yiNtloko yeSebe leMfundo:



BK Schreuder
Umhla: 2020-05-15

A - ISIKHOKELO SESEBE IWCED: INGCACISO EBALULEKKILEYO ESUKA KWISEBE LEZEMPILO LEPHONDO

Esi sisicatshulwa esithathwe kuXwebhu lweSebe lezeMpilo IPhondo olunesihloko esithi: “Preventing and managing coronavirus infection in the workplace.” (“Ukuthintelwa nokulawulwa kwekhoronavayirasi emsebenzini”)

<https://coronavirus.westerncape.gov.za/frequently-asked-questions/frequently-asked-questions-how-prevent-and-manage-covid-19-infections>

IZIKOLO

1. Amanyathelo abonakalayo okulungiselela isikolo, oofitshala kunye nabafundi

1.1. Ukuhlolwa komngcipheko wabafundi nabasebenzi besikolo

1.1.1. Makubandakanywe inkxaso yabazali kunye nabagcini (*caregivers*) ukuqaphela abafundi nabasebenzi besikolo abasemngciphekweni omkhulu wokufumana isifo esixhomisa amehlo (umz. abanezigulo ezenza buthathaka amajoni omzimba (*immunocompromised*), izigulo zexesha elide (*chronic illness*) yaye makusetyenzwe nabo ukwenza amalungiselelo enkqubo yokufunda ungekho sesikolweni (*remote learning*), apho kunako.

1.2. Makuqeqeshwe oofitshala nabasebenzi bokunika inkxaso kokulandelayo (kumlinganiselo osezantsi):

1.2.1. Kwindlela iCOVID-19 esasazeka ngayo okanye okuziimpawu zeCOVID-19.

1.2.2. Amanyathelo ekufuneka bawamisele ukuthintela ukusasazeka kweCOVID-19.

1.2.3. Kwindlela yokuhlamba nokusanithayiza izandla zabo ngokuchanekileyo.

1.2.4. Kwindlela yokufaka, yokukhulula, nokugcina yaye kucocwe imaski yobuso yelaphu.

1.2.5. Kwindlela yokunxibelelana nabafundi ngeCOVID-19 ngokufanelene neminyaka yobudala nangendlela ebuthathaka.

1.3. Ukufundisa abafundi

1.3.1. Makufundiswe abafundi izinto ezidweliswe ngentla.

1.3.2. Makuzanywe ukuquka ukuthintelwa kosoluleleko yiKhoronavayirasi/yimikhwa esesikweni kwizinto zokufunda ukuwuphinda kwakhona umyalezo.

1.3.3. Makusetyenziswe iividiyo, imidlalo neengoma ukudlulisa ngeyona ndlela ibhetele umyalezo kubafundi.

1.4. Makunxityelelwane nabazali/nabagcini

- 1.4.1. Makuqiniswe amakhonkco ezonxibelelwano nabazali/nabagcini.
- 1.4.2. Makuqinisekiswe ukuba isikolo siyihlaziyele ingcaciso yoqhagamshelwano (iinombolo zoqhagamshelwano nedilesi yasekhaya) zomzali/zomgcini ngamnye. Oku kuya kubaluleka gqitha ukuba kukho iimeko zosuleleko eziqatshelweyo esikolweni nokugcinwa bucala (quarantining) kwabafundi kuyimfuneko.
- 1.4.3. Makuqinisekiswe ukuba isikolo sinengcaciso ehlaziyiweyo malunga nalowo ugunyazisiweyo ukuza kuthatha abafundi esikolweni.
- 1.4.4. Makuqinisekiswe ukuba abazali/abagcini banolwazi ngemigaqo-nkqubo yesikolo nemithetho yokuziphatha ngokunxulumene neCOVID-19.
- 1.4.5. Makuthethwane nabazali/nabagcini abaneenkxalabo ngokhuseleko lwabantwana babo.

2. Amanyathelo abonakalayo okuthintela usuleleko lweKhoronavayirasi kwizikolo

2.1. Ukuhlala ekhaya xa ungaphilanga

- 2.1.1. Nabani na (ootitshala, abasebenzi abanika inkxaso, abafundi) mabahlale ekhaya xa bengaphilanga yaye baqhagamshelane ngefoni yamathuba kaxakeka yeCOVID-19 yephondo engu-021 928 4102 ukufumana ingcebiso malunga nokuhlolwa ukuba ngaba iimpawu zabo zingqinelana nezeCOVID-19.
- 2.1.2. Isikolo masinyanzelise ngqongqo imigaqo ngabafundi abahlala ekhaya xa bengaphilanga yaye sibaxelele abazali/abagcini malunga noku.

2.2. Ukuskrina ootitshala nabasebenzi bokunika inkxaso

- 2.2.1. Bonke ootitshala nabasebenzi bokunika inkxaso mabaskrinelwe iimpawu zosuleleko lweKhoronavayirasi yonke imihla ekufikeni kwabo esikolweni. Apho ikhoyo, ithemometha engasondezwa sikhumbeni (non-contact thermometer) (thermal scanner) (isikena sobushushu) inokusetyenziswa ukutshekisha amaqondo obushushu bomzimba. Iqondo lobushushu bomzimba elingaphezu ko-38°C lingabonisa usuleleko lweKhoronavayirasi olunokwenzeka.
- 2.2.2. Nawuphi na umqeshwa onazo naziphi na iimpawu ezingqinelana nezeCOVID-19 makangavunyelwa ukuba awuqalise umsebenzi. Mabanikwe imaski yezonyango okanye imaski yelaphu (surgical or cloth mask), mabahlambe izandla zabo ngesepha okanye ngesanithayiza yaye basiwe ngesithuthi kwiziko lokuhlola iKhoronavayirasi.

2.3. Ukuskrina abafundi

- 2.3.1. Abafundi mabaskrinelwe iimpawu zosuleleko lweKhoronavayirasi yonke imihla ekufikeni kwabo esikolweni.
- 2.3.2. Isikolo ngasinye masigqibe ngeyona ndlela ibhetele yokuskrina abafundi silawulwa bubukho bezixhobo zokusebenza abanazo. Izikolo zinokusebenzisa umatshini wokuskrina okanye isixhobo esisekelwe kwiphepha (electronic screening tool or a paper-based tool). Ukuskrina makwenziwe kwisango lesikolo yaye kunokwenziwa ngootitshala/ngumsebenzi otyunjiweyo.
- 2.3.3. Ngokumalunga neekhritshi/nabafundi abaselula abangenako ukuzichaza iimpawu zabo abanazo okanye abangenazo, makunikwe ingqwalaselo ukubekwa koxwebhu lokuskrina iimpawu zosuleleko yiKhoronavayirasi (symptom screening sheet) kwincwadi yezonxibelelwano esetyenziswa phakathi kwesikolo nabazali/nabagcini. Makucelwe abazali basayine olu xwebhu yonke imihla ukurekhoda ukuba ngaba abantwana babo banazo naziphi na ezinye zeempawu ezidwelisiweyo okanye hayi. Ukuba iyafumaneka ithemometha ekhaya, abazali banako kwakhona ukutshekisha nokurekhoda iqondo lobushushu bomntwana wabo yonke imihla. Njengokuba kunjalo kuzo zonke izinto, makuncitshiswe ukuphathwa kwale ncwadi yaye nezandla mazifakwe isanithayiza emva kokuyiphatha.
- 2.3.4. Ootitshala, abazali/abagcini nabafundi mabazazi iinkqubo eziya kulandela kwimeko apho ukuskrinwa komfundi kumfumanise egula, o.k.t. enenye yeempawu ezibonisa usuleleko lweKhoronavayirasi.

2.3.5. Ukuba umfundi unazo naziphi na iimpawu ezibonisa usuleleko lweKhoronavayirasi:

- Umfundi akasayi kuvunyelwa ukungena esikolweni. Umfundi makabekwe yedwa kwindawo emiselweyo yesikolo/ngaphakathi eklasini (umz. kwindawana eyenzelwe abagulayo) aze anikwe imaski yobuso ukuba akasele enayo. Umzali/umgcini makuqhagamshelwane naye yaye acelwe ukuba bazokuthatha umfundi ngoko nangoko. Makuvunyelwe kuphela utitshala/umsebenzi abe mnye kuphela ukuba aqhagamshelane nomfundi lo gama kulindelwe umzali/umgcini.
- Umfundi unokubuyela esikolweni esakuba ehloliwe ngumsebenzi oqeqeshelwe ezempilo (healthcare professional) nokuba kukumaziko abucala okanye karhulumente okuhlola iKhoronavayirasi, ukuba kuqinisekisiwe ukuba akunakwenzeka ukuba angasuleleka yiKhoronavayirasi. (bunokufunwa ubungqina bokuhlolwa.)
- Ukuba kunokwenzeka ukuba kuthi kanti basulelekile yiKhoronavayirasi yaye baye bahlolwa, kuya kuthi emva koko kufuneka ukuba bakhethelwe bucala ekhaya okanye kwiziko lokubakhethela bucala. Ukuba oku kwenzekile oku kufuneka isikolo emva koko siphumeze inkqubo yokufunda eyenzeka ngokuqhubelekayo.

2.3.6. Ukuba umfundi uye akaphila ekuqhubekeni kosuku lwesikolo:

- Ngoko nangoko makubekelwe bucala umfundi kwabanye kwindawo emiselweyo (umz. kwindawana yabagulayo) yaye kulandelwe ingcebiso enikiweyo ngentla kwimeko yomfundi oskriniweyo kwafunyaniswa ukuba uneempawu zokuba neKhoronavayirasi.
- 2.3.7. Ukuba kunokwenzeka ukuba kuthi kanti banosuleleko lweKhoronavayirasi yaye bahloliwe, emva koko kuya kufuneka babekelwe bucala babe sekhaya okanye kwiziko lokubekela bucala. Ukuba kwenzekile oku emva koko isikolo kufuneka siphumeze inkqubo yemfundo eqhubeka okokoko eyenzelwe umfundi.
- 2.3.8. Kwimeko yomfundi onophawu lokuskrinwa waza wafunyaniswe ukuba uyagula okanye akaphilanga yiKhoronavayirasi ekuhambeni kosuku, akukho mfuneko yokuba abantu ababesondele gqitha kumfundi babekelwe bucala (quarantine) lo gama umfundi elindele iziphumo zohlolo lwakhe.
- 2.3.9. Ukubekelwa bucala (quarantine) kuya kuba yimfuneko kuphela kwabebedibene ngokusondeleyo naye ukuba iCOVID-19 iqinisekiswa ngohlolo olungqina ukusuleleka (positive test).

2.4. Ukuza kuthathwa nokuziswa kwabafundi ngezithuthi:

- 2.4.1. Makucingwe ngokulandelelanisa (staggering) amaxesha okuza kubathatha nawokubazisa ukunciphisa inani labantu (elabazali nabafundi) esikolweni ngala maxesha.
- 2.4.2. Endaweni yokuvumela abazali/abagcini ukuba baze kwisakhiwo sesikolo, makubekho utitshala weklasi ngamnye odibana nabafundi kwisango lesikolo ekuqaleni kosuku yaye abakhaphe ukuphuma ngamaxesha okuza kuthathwa kwabo zizithuthi. Makubekwe umsebenzi esangweni ukuququzelela le nkqubo nokuqinisekisa ukuba ootitshala banolwazi ngokupheleleyo malunga nokuba ngubani ogunyazisiweyo ukuza kuthathwa abafundi.
- 2.4.3. Apho kunako, oomawokhulu (grandparents) nabagcini abadala mabangazokuthatha okanye bazise abafundi esikolweni kuba baya kuba kumngcipheko owandileyo wokusuleleka sisifo esiqatseleyo.

2.5. linkonzo zothutho zesikolo

- 2.5.1. Ezothutho zesikolo mazilandele isikhokelo seenkonzo zothutho lukawonkewonke, o.k.t. inani labakhweli malingagqithi ku-70% wenani labakhweli abamiselwe ukukhwela isithuthi eso; abakhweli mabahlale ngokuqelelana omnye komnye kangangoko; zonke iifestile mazivulwe yaye isithuthi sicocwe qho. Bonke abakhweli mabanxibe iimaski zobuso zelaphu ngethuba lohambo olo.
- 2.5.2. Kangangoko kunako, umqhubi makahlale kwisithuthi ngethuba lokuzisa nokuza kuthathwa abafundi.

2.6. Ishedyuli yesikolo

2.6.1. Ootitshala mabahamba-hambe ukusuka kwiklasi ukuya kwenye iklasi ukulungiselela izifundo kunokuba kufuna ukuba bahamba-hambe abafundi apha esikolweni ukuya kwiiklasi ezahlukeneyo.

2.7. Eklasini

2.7.1. Makubekwe indawo yokusanithayiza izandla kumnyango weklasi nganye yaye kuqinisekiswa ukuba nawuphi umntu ongenayo okanye ophumayo eklasini usanithayiza izandla zakhe.

2.7.2. Iidesika mazicwangciswa ngemikrozo lo gama zijonge phambili ukunciphisa abafundi ukuba bangaqhagamshelani ubuso ngobuso omnye nomnye.

2.7.3. Makubekho umfundi abe mnye kwidesika nganye kangangoko kunako.

2.7.4. Abafundi mabahlale kwidesika enye yonke imihla.

2.7.5. Makuqelelaniswa iidesika kangangoko kunako enye kwenye ngokuxhomekeke ekubeni igumbi liya kuvuma.

2.7.6. Makuvulwe zonke iifestile yaye kugcinwe iingcango zivuliwe kangangoko kunako ukuvumela ukungena nokuphuma komoya kakhulu.

2.7.7. Makuhlengahlengiswa iilesini pleni kunye nemisebenzi ukunciphisa ukwabelana ngeencwadi/ngezinto zokufunda kwanokugqithiselana izinto ukuya ngaphambili nangasemva.

2.7.8. Abafundi mabangabelani ngezinto ezinjengeebholi peni, iirula, iikhalithyuleyitha, njl. njl.

2.8. Izibonelelo zezindlu zangasese zezikolo

2.8.1. Makubekwe into ekuhlanjwa kuyo izandla/yokusanithayiza esangweni lezindlu zangasese.

2.8.2. Makuncitshiswa inani labantu kwindlu yangasese ngalo naliphi na ixesha yaye kubekwe esweni ukuba akugqithiswa kwinani elivumelekileyo.

2.8.3. Makuqinisekiswa ukuba onke amagumbi angasese asebenza kakuhle yaye kukhawuleziswa ukuwalungisa.

2.8.4. Makuqinisekiswa ukuba amanzi nesepha ayafumaneka kumagumbi angasese ngamaxesha onke

2.8.5. Makuhlanjwe izandla ngesepa namanzi emva kokusebenzisa igumbi langasese.

2.8.6. Makungasetyenziswa zitawuli kwabelwana ngazo kwigumbi langasese, makusetyenziswa iitawuli ezingamaphepha ezinokulahlwa kumgqomo ocikwayo emva kokusetyenziswa.

2.9. Ixesha lekhefu

- 2.9.1. Makulandelelaniswe (stagger) amaxesha ekhefu ukulungiselela ukuba babe mbalwa abafundi abasekhefini ngexesha nokunciphisa ukuxubana kwabafundi abasuka kwiiklasi ezahlukeneyo.
- 2.9.2. Abafundi mabasanithayize izandla zabo phambi kokuba baphume eklasini baphinde benjenjalo xa bebuyela kwakhona eklasini.
- 2.9.3. Abafundi mabangahlali ngokusondelelana omnye komnye bengamaqela. Ukuba kukho iitafile apho abafundi bahlala khona ngamaxesha ekhefu, ezi tafile mazicocwe qho nakumaxesha aphakathi kokusetyenziswa kwazo.
- 2.9.4. Mabangavunyelwa abafundi ukuba badlale imidlalo efuna uqhagamshelwano ngokwasemzimbeni ngamaxesha ekhefu.

2.10. Izikim zokutyisa ukutya zesikolo

- 2.10.1. Ukulungiswa kokutya makuhambelane mbo nemigangatho yezempilo engqongqo
- 2.10.2. Abasebenzi ababandakanyeka ekulungisweni kokutya kufuneka kananjalo baskrinwe imihla ngemihla.
- 2.10.3. Aba basebenzi mabasebenzise isinxibo sokhuseleko esifanelekileyo (o.k.t. iiglavu, isigqubuthelo seenwele, iifaskoti) xa belungisa ukutya yaye mabahambelane mbo neenkqubo ezingqongqo zokuhlamba izandla.
- 2.10.4. Makucingwe ngokulungiswa kokutya okunokutyelwa kwizinto zokutyela ezisetyenziswayo zisakugqiba zilahlwe.
- 2.10.5. Zonke izixhobo zokutya nezikhongozeli zokutya mazihlanjwe ngononophelo qho phambi nasemva kokusetyenziswa kwazo. Makucingwe ngokugcina isikhongozeli sokutya somfundi nesixhobo sokutya kwibhegi eleyibhelishwe ngokwahlukileyo ukuba kunako, ukulungiselela ukuba umfundi ngamnye asebenzise izinto ezinye yonke imihla.
- 2.10.6. Abafundi mabahlambe izandla zabo ngesepha namanzi kwisango elikukhokelela kwindawo yokutyela.
- 2.10.7. Endaweni yokunika ukutya umfundi ngesandla, makucingwe ngokunciphisa ukuphathwa kokutya ngezandla ngokubeka ukutya etafileni apho umfundi anokukuthatha khona.
- 2.10.8. Mayicocwe indawo yokutyela qho phambi nasemva kokusebenza kwayo. Oku kuquka zonke iitafile, izitulo nezinye iindawo ezingumphezulu.
- 2.10.9. Kangangoko kunako, abafundi mabaqelelane omnye komnye (umz. makuhlalwe kwizitulo ngokuqakatha kuphela).
- 2.10.10. Abafundi mabahlambe izandla zabo kwakhona ngesepha namanzi xa bephuma kwindawo yokutyela.

2.11. Iitakhishophu zezikolo nabathengisi abangaphandle kwepropathi yesikolo

- 2.11.1. Mazingavulwa iitakhishophu zezikolo nabathengisi abangaphandle kwepropathi yesikolo.
- 2.11.2. Mabangavunyelwa abafundi ukuba badibane lo gama belindele ukuza kuthathwa ngabazali okanye ziinkonzo zothutho.

2.12. Imisebenzi yasemva kweeyure zesikolo equka ezemidlalo

- 2.12.1. Imisebenzi yasemva kweeyure zesikolo nezemidlalo kwakunye nakuphi na ukudibana ngokwamaqela makupheliswe.

2.13. Iinkqubo zokucoca zemihla ngemihla

- 2.13.1. Makulandelwe isikhokelo esinxulumene neenkqubo zokucoca zemihla ngemihla, izixhobo zokusebenza kwanokusetyenziswa kwesinxibo sezokhuseleko lobuqu bomntu ukulungiselela ukucoca okuchazwe ngentla.
- 2.13.2. Qinisekisanani ukuba nigcina izixhobo zokucoca, umz. iblitshi ingafikelelwa ngabantwana. Mayigcinwe kwiibhotile ezileyibhelishwe ngokucacileyo yaye zingaphindi zisetyenziswe kwakhona kwakhona iibhotile zesiselo/izikhongozeli zokuyigcina.

2.14. Amagumbi okuphumla abasebenzi

- 2.14.1. Amaxesha okuphumla ootitshala makalandelelaniswe (njengokuba kunjalo kumaxesha abafundi) yaye nenani labantu abakwigumbi lokuphumla labasebenzi ngalo naliphi na ixesha malincitshiswe.
- 2.14.2. Nabani na ongena egumbini makaqale asanithayize izandla zakhe.
- 2.14.3. Makulungiswe indlela yokuhlala kwigumbi lokuphumla labasebenzi ukuvumela ukuqelelana komnye nomnye kangangoko kunako.
- 2.14.4. Abasebenzi kufuneka, kangangoko kunako, baphathe ilantshi ehlohiweyo kwizingxobo/kwizikhongozeli ezileyibhelishiweyo yaye bagoduke nezi zikhongozeli ukulungiselela ukuba zicocwe.
- 2.14.5. Izixhobo zasekhithshini eziphathwa ngabantu abaninzi, umz. iimayikhroweyivu neeketile maziphethshwe kangangoko kunako. Apho zisetyenziswayo, ezi zixhobo mazisanithayizwe qho emva kokusetyenziswa.
- 2.14.6. Zonke iitafile, izitulo, iikhawuntara nezinye iindawo ezingumphezulu eziqhagamshelanayo nabantu mazicocwe qho.
- 2.14.7. Makuncitshiswe iintlanganiso ibe ngabasebenzi abangundoqo kuphela ekufuneka bekhona kwiintlanganiso.
- 2.14.8. Abasebenzi mabahlole ezinye iindlela zokunxibelelana omnye nomnye, umz. Ngee-mobile chats, ngokubamba intlanganiso ngefoni okanye ngevidiyo.

2.15. Iimaski zobuso

- 2.15.1. Ootitshala, abasebenzi abanika inkxaso kunye nabafundi mabanxibe iimaski zobuso zelaphu.
- 2.15.2. Makujongwe le ngcebiso ingentla ngendlela yokufaka, ukukhulula, ukugcina nokucoca imaski yobuso yelaphu.
- 2.15.3. Ootitshala abanobunzima ekutsoliseni livakale ilizwi kwimaski banako ukuyisusa imaski xa bethetha, kodwa kufuneka banxibe isikhuseli-buso/isigqubutheli esibonisayo (face shield/visor) yaye bagcine ukuqelelana phakathi kwabo nabafundi.

2.16. Izikolo ezineehostele

- 2.16.1. Makuqinisekiswa ukuba abafundi nabasebenzi basebenzisa ukuqelelana ngawo onke amaxesha.
- 2.16.2. Makuncitshiswe ukusetyenziswa kweendawo zikawonkewonke kangangoko kunako yaye kulawulwe inani labantu abavumelekileyo kwezi ndawo. Makubekwe isanithayiza yezandla kwisango ngalinye lezi ndawo.
- 2.16.3. Ngokuphathelele kumaxesha okutya kwaneendawo zokutyela, makulandelwe ingcebiso enikwe ngentla phantsi kwesihloko esithi "Izikim zokutyisa ukutya izikolo."
- 2.16.4. Makuncitshiswe inani labantu abasebenzisa amagumbi angasese/okushawarisha ngalo naliphi na ixesha kusetyenziswa iirosta zamagumbi angasese kunye nokucoca amagumbi angasese qho phakathi kokusetyenziswa kwawo.
- 2.16.5. Makungavunyelwa bafundi ukuba bahambelane ngokwamagumbi omnye nomnye;
- 2.16.6. Makumiselwe igumbi lokubekelwa bucala kwimeko yomfundi ongaphilanga ongenako ukukhawuleza azokuthathwa ngabazali/ngabagcini.

Ingcaciso yezoqhagamshelwano

Malunga neenkukacha zongxamiseko lwezonyango okanye izikhokelo zonyango:
Inombolo yoncedo olungxamisekileyo kaZwelonke: 0800 029 999
Inombolo yoncedo olungxamisekileyo yePhondo: 021 928 4102
WhatsApp "W" na 0600 123 456
Imeyili: doh.dlmed@westerncape.gov.za

Malunga nemibuzo eqhelekileyo yeCovid19 kuquka nokwenza umnikelo, qhagamshelana neZiko loNcedo loRhuumente weNtshona Koloni:
Iziko loncedo: 0860 142 142 (7:00 ukuya ku-7:00)
SMS: Thumela u-Mceda ku-31022 (kusebenza amaxabiso esiqhelo)
Imeyili: service@westerncape.gov.za
Please Call Me: 079 769 1207

Malunga nenkxaso yoshishino neengcebiso, qhagamshela:
Imeyili: supportbusiness@wesgro.co.za
Tyelela ku-: www.supportbusiness.co.za

Malunga neendaba zamva nje kunye nezihlaziye, tyelela ku-:
www.westerncape.gov.za/coronavirus
[www.twitter.com/WesternCapeGov](https://twitter.com/WesternCapeGov)
www.facebook.com/WesternCapeGovernment
www.youtube.com/user/westerncapegov
www.linkedin.com/company/western-cape-government

Ezi nye iinkukacha zoqhagamshelwano eziluncedo:

- AmaPolisa oMzantsi Afrika: 08600 10111 or use the MySAPS app
- Iinkonzo zoNgxamiseko: 107 okanye sebenzisa iApp yeeNkonzo zoNgxamiseko kaVodacom
- Iinkonzo zoNyango oluNgxamisekileyo: 10177 okanye sebenzisa iApp yeeNkonzo zoNgxamiseko kaVodacom
- INozikhhalazo wamaPolisa weNtshona Koloni: Ombudsmen@wcpo.gov.za okanye tyelela ku-www.westerncape.gov.za/police-ombudsman
- INozikhhalazo woMkhosi: imeyilela ku-intake@mhlombud.org okanye tsalela ku-080 726 6283
- ICandelo eIzimeleyo loLawulo lezoPhando lamaPolisa: imeyilela ku-complaints@lpid.gov.za okanye tyelela ku-www.lpid.gov.za
- UkuNgasebeni kakuhle okunxulumene noNyanzeliso loMthetho: RichardGavin.Bosman@capetown.gov.za
- UNyanzeliso loMthetho: 021 480 7700/021 596 1999
- UGunyaziwe wezoTywala weNtshona Koloni: 021 204 9805

STOP UKUNWENNA KWALE NTSHOLONGWANE

IINKUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO EZIBALULEKILEYO

